



FOR IMMEDIATE RELEASE

CONTACT: J Bulani  
jbulani@bvm.gov.za

## UPAPASHO NDABA LWASE BVM

Umhla we 19 kwi Silimela

### UMCELMINGENI NGOBONELELO LWAMANZI E-DE DOORNS

Ngomhla wamashumi amabini anesibini (22) kwi nyanga ka-Canzibe (Meyi) kulonyaka sikuwo, umbutho we-Hex Valley Water Users Association (HVVWA) yazisa uMasipala ngokufumaneka okulinganiselweyo konikezelo Iwamanzi akrwada ukusuka ngomhla wesithathu ukuya koweshumi elinesixengxe (3 – 17) kule nyanga ye Silimela (Juni) sikuyo, ngenxa yoqhagamshelo Iwemibhobho emitsha egunyaziswe ngulo mbutho we-HVVWA. Ngenxa yoko, umthamo wokufumaneka kwamanzi akrwada eDe Doorns Water Treatment Works uye wancitshiswa ngamashumi amahlanu epesenti (50%), nto leyo ebangele unikezelo Iwamaxesha ngamaxesha kwidama kunye nabasebenzisi bokugqibela, ngakumbi kwiindawo ezifana ne-De Doorns East, De Doorns West kunye ne-Stofland.

Ngomhla we shumi elinesine (14) kule nyanga ye-Silimela, umbutho we-HVVWA wazise uMasipala ukuba iwuhalziyle umhla olindelekileyo wokugqitywa ukuya kutsho ngomhla wamashumi amabini (20) kule nyanga ngenxa yeengxaki zobugcisa eziye zafunyanwa ngethuba lokuqhagamshelwa kwalemibhobho misha. Xasithathela ingqalelo umhla ohlaziywego wokugqitywa, singu Masipala silindele ukuba unikezelo Iwamanzi okwethutyana luya kuqhubeke kude kube ngumhla wamashumi amabini (22) kule nyanga sikuyo ye-Silimela (Juni), njengoko indawo yokugcina amanzi kufuneka izaliswe kwakhona ibe kumanqanaba afanelekileyo ogcino phambi kokuba umgangatho opheleleyo wenkonzo ube nokubuyiselwa. Ukuzaliswa kwakhona kunokuqalisa xakugqitywe oluqhagamshelo lemibhobho mitsha wobonelelo. Singu Masipala siza kuqinisekisa ukuba abahlali abachaphazelekayo basiswe ngokwaneleyo ngenkqubela-phambili yoqhagamshelo, ulibaziseko olunokubakho kunye namanyathelo okunciphisa alandelayo aya kuphunyezwa aphi kufanelekileyo.

Okwangoku, itanki lamanzi elingumthamo we 35000 lithasi lithunyelwe kubahlali base-De Doorns, lifumeneka kwisikhululo soMilo ngezizathu zobuchule kunye nokhuseleko. Abahlali banokundwendwela iSikhululo soMilo ukuya kukha amanzi ngezikhongozeli zabo. Ukongeza, itanki lamanzi elincinci lo mthamo we-5 000 lithasi liye lathunyelwa liyohambisa amanzi kwiindawo ezichaphazelekayo ezifana ne Stofland (ukusuka ku-8th Avenue ukuya ku-1st Avenue, eyona ndawo iphakamileyo ukuya kweyona ndawo iseantsi), iDonkerhoek, iLubisi kwakunye neWeltevrede. Amanzi ahanjiswa kumakhaya achaphazelekayo ahlala kwezi ndawo zikhankanywe ngasentla. Umthamo wonikezelo Iwamanzi kwelitanki kulindeleke ukuba lihlale iiyure ezimbini, emva koko iya kubuyela kwitanki elikhulu ukuze iphinde igalelw, phambi kokubuyiselwa unikezelo Iwamanzi ngokuthe ngqo ukusuka kwindawo yokugqibela yonikezelo.

Okokugqibela, abahlali bayaqinisekisa ukuba amanzi aphuma kuwo omabini lamatanki ngamanzi ahlala evavanywa ukucinisekisa ukhuseleko Iwabahlali. Amanzi ahlala ekhuselekile ukuze asetyenziswele ukusela. Siyaxolisa ngenkxamleko ebangelwe ngulo mba kodwa siyaqinisekisa abahlali ukuba sitethathethana ngokungqongqo ne-HVVWA ukucinisekisa ukubuyiselwa kwenqanaba lenkonzo elipheleleyo ngelona xesha lifutshane.